



Inombolo yefayili: 21/2/5/2/FP HL TRAINING
Isalathiso: 20230822-7377

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam ye-GET: 0009/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba seSiseko, kwiiNqununu, kwiiNtloko zamaCandelo eZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukuqaliswa kweProgram ecwangcisiweyo yoLwazi loKubhala noKufunda yesiNgesi uLwimi lweeNkobe esekelwe kuBuchule boKufunda neMiba eNxulumene noko kwiSigaba esiSiseko

1. Ngowama-2019, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithathe isigqibo sokulandela indlela yokufundiswa koLwimi okugxininisa kwiimfuno zabafundi (*differentiated Language approach*) kuLwimi lweeNkobe ngalunye kwezintathu kwiphondo. Oku kwakusekelwe kwiziphumo zeemvavanyo zenkqubo yezemfundo (*Systemic tests*) ngowama-2011 ukuya kowama-2019 kwakunye neziphumo zophononongo lwe-*Progress in International Reading Literacy Study* ngowama-2016.
2. Kwenziwe uphando-nzulu ngobuchule bokufunda nemiba enxulumene nako (*science of reading*). Olu phando lukhokelele kwisigqibo sokulandela indlela yokufundisa eyi-*synthetic phonics approach* ekukwahlulwa-hlulwa kwamagama abe zizandi, ukufundisa ukufunda kwiSigaba esiSiseko.
3. ISebe i-WCED lisebenzisene ne-*Universal Learning Solutions* ngowama-2019 laze laqalisa iprogram i-*Jolly Phonics*. Ngoku uqeqesho olungaphezulu luyimfuneko kubuchule bokufunda nemiba enxulumene nako ukulungiselela ukomeleza indlela yokufundisa ekukwahlulwa-hlulwa kwamagama abe zizandi kufundiswa ukufunda nokubhala.
4. Injongo yolu qeqesho kukomeleza ukufunda nolwazi lokuqonda kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe kwiSigaba esiSiseko. Oku kuyinxalenye yesicwangciso sokufunda seNtshona Koloni (*Western Cape strategy*) nesicwangciso sobuchule seminyaka emihlanu seSebe i-WCED.

5. Bonke ootitshala beBakala 2 kwizithili ezikhethiweyo baqeqeshwe ngo-Apreli 2023.
6. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo ukuba ootitshala beBakala 3 kwizithili ezikhethiweyo baya kufumana uqeqesho kubuchule bokufunda nemiba enxulumene nako (*science of reading*) ngowama-2023, ukulungiselela ukuphunyezwa kwale program.
7. Ootitshala beBakala 3 baya kuqeqeshwa ukususela ngowe-12 ukuya kowe-14 Disemba 2023. Bonke ootitshala beBakala 3 abafundisa isiNgesi uLwimi lweeNkobe kwizithili ezikhethiweyo kufuneka baye kuqeqesho.
8. Izithili ziya kuzazisa kwangethuba iinkcukacha neendawo zolu qeqesho.
9. Ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nomququzeleli weSigaba esiSiseko wesithili ochaphazelekayo.

Isithili	Umququzeleli	Inombolo yefoni	I-imeyili
<i>Metro North</i>	Jenny Daniels	021 938 3044 084 388 5920	Jennifer.Daniels@westerncape.gov.za
<i>Metro South</i>	Vanessa Randelhoff	021 370 2025 083 309 1383	Vanessa.Randeloff@westerncape.gov.za
<i>Metro Central</i>	Juanita van der Merwe	021 514 6773 079 944 7536	Juanita.vanderMerwe@westerncape.gov.za

10. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane zonke iiKomiti zoLawulo zeSikolo nootitshala beSigaba esiSiseko kwizikolo zabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-08-29